


YIZA, UNdILANDELE

 Kuhle, hayi, oko bekuphambi kokuba uBecky azalwe. Kwaye ke nda—ndacinga, “Kuhle, niyazi. . .” Ndi—nditya nje isitya se habile, sixabisa ishumi leesenti. Kulungile, nje ndi. . . Bandinikile itikiti lam, ndaza nje ndalityikitya, uyabona, kwaye ndayihlawulela, ndalibuyisa, ndaza ndalifaka, kuba kuba bendine akhawunti yendleko.

² Kwaye ngenye imini xa sasinentlanganiso ya—yamadoda angonogada. “Bethu,” bathi, “ngubani lo mbaxi ofake into enjeya ngola hlobo?” Yabona? U—umfo ophetheyo, uyazi, “Ishumi leesenti ukwenzela isidlo sakusasa?” Ke oko kwakhangeleka kulixabiso elisezantsi kakhulu kwabanye abafu, uyazi. Abanye babo bafaka idola, yabona; iidola ezimbini ukwenzela isidlo sasemini. Kwaye ndafaka nje kanye nkqo oko ibukuko.

³ Kuhle, ndathi, “Ke, ngoku, akukho mfuneko kum yokuba ndifake. Ndiyakwenza ntoni ukuba nditye nje, ishumi leesenti?”

⁴ UMnu. Fields, owayengusekela mphathi, wathi, “Billy, faka idola, nokuba kunjani, intwanana.” Wathi, “Yilonto abanye bayenzayo.” Wathi, “Kufanele ugcine okuya kukunye.”

⁵ “Kuhle,” ndathi, “A—andizange nditye kuphela nje isitya se habile, kwaye koko ndikubizayo.”

Wathi, “Owu, ungayenzi, ungaze ukwenze oko.”

⁶ Kulungile, emva koko ndacinga, “Yintoni endiyakuyenza ngayo?” Emva koko ndabiza amashumi amahlanu eesenti ngesindlo sakusasa. Emva koko ndathabatha amashumi amane eesenti ayo, ukuba ufuna ukuchitha nantoni, yinike abantwana abathile estratweni; abanye abantwana, uyazi, oko kukhangeleka ngathi bafuna encinci endala isandwich, sandwich, nabo. Kuhle, ndacinga mhlawumbi ndingabe. . . Kanye, leyo yayiyinkampani, ngokwayo, ithetha nam ngolwa hlobo. Leyo yayiyindoda ephuma enkampanini.

Ke, ndacinga, “Mhlawumbi ndenze into engalunganga.”

⁷ Ke apha kungekudala kakhulu, kunye nendoda engunogada. . . Ngoku bagada ngeehelicopter, niyabona. Ke yaza yaza yema. Yathi, “Yitsho, Mzalwana uBranham,” yathi, “lomthi uyakhula.”

Ndathi, “Ehe.” Ndathi, “Abantwana badlala phantsi kokuya phandle phaya.”

Yathi, “Singawuphungula?”

Ndathi, “Ehe, kodwa ningawugawuleli ezantsi. Yabona?”

Yathi, “Kulungile, singathanda ukuwugawula. Siyakukuhlawula ngawo.”

⁸ Ndathi, “Hayi. Hayi. Andifuni wena uwugawule.” Kulungile, ndiyayazi imithetho yelungelo lokugqitha ngendlela, nayo, uyazi, kuba ndandikuyo kwimiyaka esixhenxe. Ndathi, “Hayi.” Ndathi, “Andifuni ugawulwe, kodwa ungawuphungula.” Ndathi, “Ndi—ndiwugcina uphungulwe, kodwa,” ndathi, “ungayenza. Ungawuphungula ukuba uyafuna.” Ndathi, “Mna, uMzalwana uWood kunye nam, silungiselela ukuwuphungula. Siyiphungule yonke le eminye khona apha.” Ndaza ndathi, “Kodwa singathanda ukuwugcina lowo phaya ngenxa yabantwana, uJoe kunye nabo, uyazi, abafu abancinci badlala phantsi kwala mthi.”

⁹ Ndemka ngohambo. Xa ndibuya, wawusarhelwe phantsi waze wasuswa. Owu, okunjani ukumangalelwa okwakunokuba kuko kule nkampani, uyabona, ngokugawula laa mthi, uyabona. Kwaye ke ndacinga, “Ngoku,” ndathi, “Nkosi, andisayi kwa nkqu ukukuchaphazela okuya.” Yabona? “Nokuba kukho nantoni endithe nda—endithe nda, kokuya, ngelinye ixesha ukufaka, nje ukutya okwexabiso leshumi leesenti, kuze kufuneka ndifake amashumi ‘amahlanu eesenti.’” Yabona? Ndathi, “Ukuba kukho into ethile kokuya, okuya makwenzele yona, yabona, ukuba—ukuba ndi—ukuba ndafaka okuya, uyabona. Ukuba ndi . . .” Kwaye ndayeka ukuphupha malunga nokuba kwiNkampani Yenkonzo Zoluntu ngoko, yabona, kuba ifanele ibe yayiyinto ethile emva phaya.

Kufanele sijonge oko sikwenzayo. Kufanele sidibane nayo ngenye imini.

¹⁰ Abantwana, abaza ngapha. Umama wakho wayengapha, ngenye namhlanje, Trudy. Ndiyaqikelela akukhange, akukhange wazi. Olu luhlobo lolothuso, ndiyabona. Kwaye nilungiselela ukuthwesa isidanga. Kwaye sibe noluhambo phandle phaya ngokuhlangeneyo. Ndizakuya emhlanganweni ngoko, kwangoko emva kwalo mhlango. Kwaye siyakugoduka.

¹¹ Ndacinga iyakuba lithuba elilungileyo lokuthetha kuni nonke, kwaye emva koko kananjalo ndacinga iyakuba kokulungileyo ukuthetha kubantwana nje intwanana phambi kothweso zidanga lweni. Ndifunde ivesi ephuma eBhayibhileni, ndize nje ndithethe kuni okusuka entliziyweni yam, okwamalunga neshumi lemizuzu. Ndiyakusuka endleleni yenu. Yabona?

¹² Phambi kokuba ndithethe nabantwana, ndingathanda nje ukuthetha kubadala nje umzuzu, nabo, nonke kuni. Kungoku, kunokuba, mhlawumbi ihambo enzima, ibinjalo. Kodwa amava endiwafundileyo asuka kuThixo, andinakuthatha ishumi lamawaka eedola ngoko ndikufundileyo ngeNkosi kusukela ndibe lapha. Eneneni ndiyakholwa ndize ngentobeko

egcweleyo emyalelwani kaSomandla, kwaye ndi—ndiyathemba ndingahlala okoko ngala ndlela. Kwaye kukho i . . .

¹³ Xa ndisiza, into enye, yayingombono, ukuba ndandimile phezu kweTucson phezulu apha xa u—u—ugqabhuko dubulo lwenzekayo. Kuhle, uMzalwana uFred wayephaya xa lwenzekayo. Kwaye bathatha lamfanekiso ngoku, niyazi, esibhakabhakeni. Kwaye ndandingacingi kangako malunga nayo, zange ndayiqaphela. Ke yaqalisa ukundichukumisa ngandlela ithile, ngenye imini. Kwaye uMzalwana uNorman, utata kaNorman apha, wandixelela, wathi, “Ingaba ukuqaphela oku?”

¹⁴ Kwaye nje ndisajonga, kanye phaya yayizizo iiNgelosi nje ngokucacileyo njengoko Zazinokuba njalo, zihleli kanye phaya kula mfanekiso. Yabona? Ndajonga ukuba ndibone ukuba yayinini, kwaye yayilixesha, elikwalinye, malunga nosuku okanye ezimbini ngaphambi, okanye usuku okanye ezimbini emva kokuba ndandiphezulu phaya. Ndajonga apho yayikho. “Emntlampuma weFlagstaff, okanye iPrescott, engezantsi kweFlagstaff.” Kuhle, oko nje kulapho sasikhona, yabona, kanye nkqo.

¹⁵ “Amashumi amabini anesithandathu eemayile ukuphakama.” Kutheni, umphunga awunakuqabela—qabela ezine, iimayile ezine ukunyuka, okanye ezintlanu, ukufuma, naluphi uhlobo lwenkungu okanye nantoni, uyabona. Inqwelo—ntaka zibhabha ishumi elinesithoba lamawaka. Oko kukunyukela ngaphezulu kwawo onke amafu, uyabona. Kwaye ishumi elinesithoba lamawaka limalunga neemayile ezini ukuphakama. Oku ngamashumi amabini anesithandathu eemayile ukuphakama, kunye namashumi amathathu eemayile ukuyinqumleza, kwaye kubume bephiramidi, ukuba ungajonga emfanekisweni.

¹⁶ Kwaye kwicala lesandla sangasekunene, njengoko ndanixelelayo, ndaqaphela, okugqamileyo, laa Ngelosi. Nantso Yona, isufuba sityhaliwe, impiko ngasemva, isenza kanye ngaphakathi, kanye nje ngendlela eyayiyiyo. Andizange ndayiqaphela xa zaqala Zona . . . Kube kukho izinto ezininzi.

¹⁷ Nje ekuhleni ngendlela ngenye imini, kwakukho into ethile eyenzekayo eyathetha nam malunga nento emandiyenze mna—mna. Kwaye asi—asingomyalezo wam.

¹⁸ Ngelinye ixesha, uLeo Mercier wathi, wathi, “Mzalwana uBranham, liyakufika ixesha emva koku,” wathi, malunga nesihlanu okanye isithandathu seminyako eyagqithayo, mhlawumbi esixhenxe, wathi, “iNkosi izakuguqula ulungiselelo lwakho, Mzalwana uBranham.” Kwaye wathi, “Xa Iyenza, mhlawumbi uyakudwelisa nje izibhedlela, uze uthethe baphume ezibhedini nezinto.” Ayizange ivakale lungileyo, nakubeni

ndandimkholelwa uMzalwana uLeo wayezama ukunyaniseka malunga nayo.

¹⁹ Kodwa ayizange ivakale nje lungileyo, ngokuba, yabona, iNkosi yethu uYesu zange ikwenze oko. Yabona? Kwaye Yaya ezibhedlela. Kwakukho omnye kwesa sibhedlela. Niyakhumbula sasiphi eBhayibhileni? Ichibi laseBhetesda. Izihlwele ezikhulu zabantu abangakwazi kuzenzela nto belele phaya, bekhubazekile, imilwelwe, imfama, abashwabeneyo, belinde iNgelosi. Ngoku, oko kwakukwisibedlela sikamoya apho abantu balindela kwimpiliso eNgewe. Kwaye apha uMphilisi oNgewele Ngokwakhe uzile waphilisa wamnye waza wemka. Ke akunakubandela indoda efayo, okanye umlungiseleli ukuba eze, oyakubamkhulu kunalowa. Yabona? Ndandingenakho ukuvumelana nako.

²⁰ Kodwa njengoko ndaqalisa ukujika, uMoya oyiNgewele wehla phezu kwam. Ndacela usiba lokubhala kuLeo. Ndafumana ipetshana, ndaza ndayibhala. Ikwisikhoji sakhe ngoku, ukuba ungaphezulu apho sikhoyo. Sesiya sidala isikhoji se aluminum apho ndandinezixhobo zokulayisha zam. Njengokuba usaya emnyango, kukho ishelufa kwicala lesandla sasekunene, kanye ngaphambili kwesikhoji. Iile ngaphantsi kwaphaya. Ndayibeka phaya. Ndathi, “Ngenye imini ungayitsala uyikhuphe lena. ‘UThixo akasokuze aguqule ulungiselelo, kodwa Uyakuguqula indoda enolungiselelo.’” Yilonto emayenziwe.

²¹ Yabona, ndi—ndiyazi emandikwenze, kodwa a—a—andinako, andinako kuyenza kwimeko endikuyo ngoku. Ngokuba, ndifanele ndi . . . Into ethile ifanele yenzeke ngaphakathi kwam, eyakuthabatha uThixo ukuba ayenze.

²² Sijolise ukubuyela emva ekhaya. Abantwana bakhumbula ekhaya, bonke bafuna ukubuyela. Ke ndiqikelela ekubabuyiseleni emva, iNkosi ithandle, mhlawumbi emva kwenkonzo ngoMgqibelo, kwaye ngoko ndibuyele emva. Ukusukela phaya, andazi. Kodwa ndiyazi kwakamsinya nje laa nto isenzeka ngaphakathi kwam, eyakundenza ndivakalelwe ngabantu, ngokwahlukileyo kunoko ndikwenzayo ngoku. Ndibalahlile a—abantu, yabona, kwaye be—bendingafuni kwanto enokwenza nabo. Niyazi ndithetha ntoni, endikubiza “ricky, ricketta,” banezinto abazenzileyo. Ndishumayela ngako konke ukunyaniseka, kwaye uThixo wakungqinela ngayo yonke indlela. “Kwaye ukuba bebengafuni kuLamkela, kutheni, bayeke bodwa ke ngoko.”

²³ Bendinyukela phaya, ukujoyina uBud kule kwindla izayo, ndiqalisa ukuzixhobisa phaya. Ndilinde entlango, ndiyeke iinwele zam neendevu zikhule. Kwaye ukuba iNkosi ifuna ndiya naphina, Iyakundithumela ilizwi, kwaye ndiyakuhla ndiye kulenza.

24 Kwaye endleleni, ndisiza ngenye imini, Yandimisa. Kwaye ndabona apho i . . . apho ndandisiya khona. Ndi—ndisendleleni yam ukuya kwenye into ngoku. Ndaza ndacinga, xa ndifika ekhaya, ndiyakwenza oku sikubiza ukuthetha intliziyo kwintliziyo, mhlawumbi ndiyifake eteyiphini, emva koko kwaye ukuze uluntu lubone kutheni ngenguqu esisiquphe.

25 Ngoku, nina bantwana, nje masi . . . Masibe nelizwi elincinci lomthandazo.

26 Nkosi, Yesu, sinombulelo ngeli xesha, ukwazi ukuba sihlalane apha, abancinci nabadala, nabaphakathi ngobudala. Kwaye sihlalane, kweli cala likaNaphakade, kwakhona ukuza kuthetha ngaWe kunye namalunga nezinto eziqondene noBomi banaphakade.

27 Kwaye aba bancinci abahleli apha ngobubusuku, abanye babo bathweswa isidinga, abanye sebethwesiwe. Kodwa ndiyaqonda, Nkosi, into ethile eyenzekileyo nje iiyure ezimbalwa phambi kokuya kukhulu ukothuka, okanye ugqabhuko dubulo, lwenzeke etabeni phezulu phaya, emantla eTucson, xa iiNgelosi zeNkosi zehlayo. Ndiyakhumbula okwathethwayo, kwaye—kwaye ngokukhethekileyo malunga nabantu abatsha. Ndiyathandaza kuWe, Nkosi, ukuba usincede siqonde. Kwaye ndinga ndingakwazi ukutsho into ethile kwaba bafo bancinci, ngobubusuku, eyakubanceda endleleni. Kuba, Nkosi, sonke siyaludinga olwa ncedo ngeli xesha.

28 Sisikelele ngokudibeneyo. Xolela izono zethu. Kwaye ukuba nantoni na esithe sayenza kusukela silapha, engakukholisanga Wena, siyathandaza Usixolele ngayo. Kuba siyaqonda, namhlanje, ukuba asina—nangqiniseko yengomso. Asazi yintoni eziswa lingomso. Kufuneka silungelele namhlanje ukuhlalane ngomso. Kwaye, Bawo Thixo, kukho ekuphela kwayo indlela esayaziyo ukwenza oku, oko kuko, ukulungiselela ukubona Wena, kuba ngako siyaqonda ukuba sonke siyakukwenza. Kwaye kufanele sihlalane sihlalane nayo ngelinye ixesha, mhlawumbi eluxolweni, njengesihlobo okanye umntwana, okanye njengotshaba. Makube lee, Nkosi, eyokuba siyakuba yenye into engenye kuphela abathandekayo abantwana Bakho Wena. Siphe ezi zinto siyacela, eGameni likaYesu. Amen.

29 Namhlanje, ngelixa benditshenta ukhula, kusasa kakhulu ngale ntsasa, ndifumene indawo eBhayibhileni, ndicinga iyakuba yinto elungileyo ukuyifunda kweli xesha. Kwaye iyi . . . ingangakhawulezi kakhulu ngokukuko ukufaneleka, kodwa ndicinge nje nge . . . nje i—nje imizuzu embalwa, ukuthetha. Ndifuna ukufunda lena ngokuphuma kwisahluko se-18 kaLuka oNgwele. Bobane abahali beeVangeli babhale ngayo. Isahluko se-18 nomqolo we-18.

Umphathi othile wambuza, esithi, Mfundisi Ulungileyo, mandenze ntoni na ukuze ndibudle ilifa ubomi obunganaphakade?

Uthe ke uYesu kuye, Yini na ukuba uthi ndilungile? akukho namnye ulungileyo, mnye kuphela, lowo, nguThixo.

Uyayazi imithetho, Musa ukukrexeza, Musa ukubulala, Musa ukuba, Musa ukungqina ubuxoki, Beka uyihlo no...nyoko.

Uthe...yena, Zonke ezi zinto ndizenzile, kwaye ndazingcina kwasebutsheni ekukhuleni kwam.

Ngoku xa uYesu weva ezi zinto, wathi kuye, Kusekho ntonye uyisweleyo: thengisa konke...onako, wabele amahlwempu, ...woba nobutyebi ke emazulwini:... yiza, undilandele.

³⁰ Ndingcinga, igama, Yiza, UNdilandele, leyo iyakuba yeyona ngecebiso ingcono endinokuyinika ukuba bendithetha neshumi lewaka labantwana, okanye ukuba bendithetha noko ndikuko nje. Ngumyalelo, nento enkulu endicinga eyakhe yanikezelwa umntu, kwaye ingakumbi umntu osemntsha, “Ndilandele.”

³¹ Uzakulandela umntu othile. Ngoku, nje wena... Ungakukhumbula oko. Uzakulandela umntu othile. Kwaye indlela olandela ngayo umntu, qiniseka ngoko, ngubani lo mntu ulandelwayo. Yabona? Thina . . .

³² UPawulos ngelinye ixesha wathi, “Yibani ngabalandeli bam njengoko ndingokaKristu.” Ngamanye amazwi, “Njengoko ndilandela uKristu, landelani mna.”

³³ Kwaye ngoku, kulendawo ijikayo, esi—esi sigaba sexesha apho sizayo sonke. Kwaye amaxesha amaninzi undivile ndingxola “ricky, ricketta,” nezinto. Sona, sisigaba. Sisigaba esiphila kuso. Ngenene asingabo abo bantu.

³⁴ Abo bantu ngabantu njengoko sinjalo. Abo bantwana phandle phaya kunye nezi moto zibalekayo, zibaleka zisihla zinyuka ngestrato, kwaye besenza ngendlela abenza ngayo, betshaya imidiza besela notywala, namantombi enxibe kakubi, nezinto, wona ngamantombi namakhwenkwe njengoko sinjalo. Yabona? Bangabantu. Banothando. Bayatya. Bayasela. Bayalala. Bayaphefumla. Bayakufa. Bangabantu njengoko sinjalo. Kodwa noko baye ba . . .

³⁵ Bangenwe ngumoya ongcolileyo. Abayazi lonto. Hayi ngenxa ya—yabantu, kodwa ngenxa, ngamanye amaxesha, enye inkokheli abathe bayilandela ibakhokelele kwindlela engalunganga.

³⁶ Ngoku, nina mantombazana namakhwenkwe nazi ngcono kunokuya. Niyazi. Nifundiswe ngcono kunokuya. Ninabazali

abangcono, uqeqesho oluphucukileyo kunokwenza into enjengaleya. Nazi ngcono.

³⁷ Kodwa abanakho, yabona, ngokuba amabandla abaya kuwo ngawalemhla amabandla, oweefashoni. Kwaye ba—baphilela nje usuku, indumasi enkulu. Kwaye, owu, bethu! Yintoni... Ukuziphatha kube sisidima kubo. Yabona? Ke bona, yona... Njengoko ndatshoyo ngelinye ixesha, kumdlalo endawubonayo ezantsi phaya, kungekudala kakhulu, weSodom neGomora, athe lomfazi uphethwe ngumtyholi wathi ku—kuLote, “Enikubiza ukungaziphathi kakuhle, ndikubiza isidima.”

³⁸ Wathi uYesu, “Njengoko kwabanjalo kwimihla kaNowa, kuyakubanjalo ekubuyeni koNyana womntu.” Ke sibuyele emva kulandawo kwakhona.

³⁹ Masijonge kulomfo, okwemizuzu embalwa, esifunde ngaye. Akukho ntandabuzo ekubeni lomntwana wazalelwa ekhayeni elilungileyo, njengoko ninjalo nina bantwana. Wakhuliswa ngabazali abalungileyo. Kuba, iyayingqina, xa uYesu wazisa kuye imithetho kaThixo. Wathi, “Ndakugcina oku ukusukela ebutsheni.” Ibonisa ukuba waye—waye—wayekhuliswe kakuhle. Wayengenguye nje ongaqeqeshekanga nje. Kwaye uyazi, yena—yena wayekhuliswe ukuba azi okulungileyo, abantwana abanjengani. Mhlawumbi uze phantsi komama omoyikayo uThixo notata, uku—uku—ukumfundisa kakuhle, xa wayengumntwana. Kuhle, oko kulungile.

⁴⁰ Mhlawumbi, njengosana oluncinci, unina wayenamabhongo aphakamileyo ngaye ekubeni yindoda ebalulekileyo ngenye imini. Uyise wayenemali, enokumfundisa kwaye—kwaye amnike imfundo anokuyi...abenokuphuma enemfundo elungileyo kwaye abenakho ukuba yinto ethile elizweni. Kwaye ngokunyanisa kwalo mama notata, befundisa umntwana, kwaye mhlawumbi ukuza kwixesha lokuthweswa kwakhe isidanga njengoko ninjalo, yabona, ixesha xa waphumelela esikolweni kwaye wafumana imfundo yakhe. Akukho ntandabuzo yokuba mhlawumbi wayeligugu neqhayiya lobomi ba—balamama notata. Akukho ntandabuzo, kuyo lo mihla, wayenamahashe amahle, njengoko nineemoto, kunye notata olungileyo nomama njengoko nonke ninabo, abajongayo, ukuba nineempahla ezilungileyo, kunye—kunye nemoto, kwaye ni...kwaye nonwabele nje ubomi, nje ngento eninayo namhlanje.

⁴¹ Kwaye utata nomama kunye no...bethandaza rhoqo ukuba—ukuba unyana wabo akayi kuba yindoda nje eqhelekileyo, okokuba uyakuba yegqwesileyo indoda. Bonke abazali bafuna oko. Ingaba umvile uYesu ebhekiselele kulamthetho, “Beka uyihlo nonyoko,” emva koko wema? Yabona? Kwaye elo libhongo lomzali wonke, ukwenza okona kungcono esenzela abantwana bakhe, ukuba babenakho, ukubafundisa, abanike izinto mhlawumbi ezo

bona ababengenakuzifumana. Leyo yindlela endiziva ngayo ngabantwana bam.

⁴² Ndinga, ngelinye ixesha, ekuyeni esikolweni, ngoku; ndicinga, ukuthumela uBecky noSarah noJoseph kwezi zemfundo ephakamileyo izikolo nezinto, apho zonke ezi zenzeko zikhona? Ndinga ndiyakubathatha ndibuyele entabeni, ndize—ndize ndibakhulise phezulu phaya kunye na... njengamaNdiya ephila.

⁴³ Kodwa nantsi apha into eyiyo. Oko kusemntwaneni kuzakuphuma. Akukhathaliseki nokuba iphi, imele, izakuphuma. Ukuba kukungcola phakathi phaya, iyakuphuma kwinkampu yamaNdiya. Ukuba kokulungileyo phakathi phaya, iyakuphuma nakweyiphu inkampu. Yabona? Koko kusemntwaneni, ukwakheka komntwana, koko kungaphakathi kuwe. Kwaye oko ukuko ngoku koko mhlawumbi uyakuba kuko bonke ubomi bakho. Ukwindawo yokuguquka.

⁴⁴ Niyazi intoni? Amashumi asibhozo anesithandathu eepesenti zenguquko kuYesu Kristu zenziwa phambi kwamashumi amabini ananye ubudala. Iyayibonisa. Ubalo manani luyayibonisa. Amashumi asibhozo anesithandathu eepesenti aza kuKristu, aza phambi abe namashumi amabini ananye. Nina, emva kokugqitha oba budala, uba ngoqingqeke ngakumbi okanye ubekeke ezindleleni zakho. Owu, kuyakwazeka, ngokuqinisekileyo. Bayeza, amashumi asixhenxe, amashumi asibhozo, eminyaka ubudala, kodwa kunqabe kakhulu. Yabona?

⁴⁵ Uzenza wena xa usemtsha. Ubeka amabhongo akho koko ufuna ukwenza, noko uzama ukukufumana ebomini. Ucinga ngako. Kwaye njengoko ucinga, kakade, ingqiqo yakho, iziswa engcingeni yakho ngento engaziwayo ethi—ethi yongamele ingqiqo yakho. Kwaye emva koko xa iba sengqiqweni yakho, ngoko uyayithetha, okokuba uzakuyenza. Kuze emva koko amabhongo akho akuqhubela ekuyenzeni.

⁴⁶ Ke, umama notata, belindele lomfo mtsha a... amabhongo akhe okuba mkhulu; imali eyanaleyo yokulenza. Kwaye emva koko, akukho ntandabuzo, wathandaza ukuba lo—lomfo mncinci uya—uyakulifumana ela thuba. Niyabona, bona—bona benza konke ababenokwenza. Wayenokuba unamahashe amahle, kwaye—kwaye mhlawumbi wayedume kakhulu phakathi kwabafazi.

⁴⁷ Kwaye okuya kuba njalo kwindoda, kuyakuba kwanjalo nasemfazini, ngokufanayo xa iguqulelwe, yabona, kuba sithetha ngobomi boluntu, imiphfumlo, ngokubini indoda nomfazi.

⁴⁸ Kwaye emva koko, emva kwalo lonke eli thuba inkwenkwe eyabanalo, yabona, yaba “kwistrato esilula,” siyayibiza, kwindawo apho kungadingeki izikhathaze malunga nokuninzi. Abazali bayo babenemali. Yayine... Ngamandla yayine...

Yaba ngumlawuli. IBhayibhile ibhekiselele kuyo apha, ye... njengomtsha, osisityebi umlawuli. Kwaye siyabona i... Kwiminyaka yobutsha, mhlawumbi kwiminyaka yokufikisa, nje iphuma esikolweni, nje iphuma kuthweswo sidanga, mhlawumbi, iiveki ezimbalwa phambi, okanye into ethile, yaba... Ingumlawuli, kwaye yayinako konke oko intliziyo enokunqwenela.

⁴⁹ Kwaye inkwenkwe yayingengoxengaxengayo walemihla. Iyintwana elungileyo. Ndiyakholwa, xa uLuka wabhala malunga nayo, okanye uMarko, ndiyakholwa yayinjalo, uYesu wajonga kuyo wazamla, ngokuba Wayeyithanda. Yabona? Kukho into malunga nentwana. Kwakukho ubuntu obulungileyo obuqhagamshelene nalentwana. Apho ivela khona? Iphuma kusapho olulungileyo olwayifundisayo imithetho kaThixo, yaza yabona ukuba iyayigcina. Kwaye yayenza, ukusukela ebutsheni bayo ukunyuka.

⁵⁰ Kwaye inkwenkwe yayinebhongo; yayifuna uBomi obunguNaphakade. Yathi, "Mfundisi Ulungileyo, ndingenza ntoni ukuze ndibudle ilifa uBomi obunguNaphakade?"

⁵¹ Yabona, kwako konke okufumanayo ehlabathini, noko umphefumlo kwingaphakathi lwakho uyakuxelela kukho into ethile oyidingayo, ongenayo. Ubutyebi nje... Okanye, akusoloko kudingeka ukuba ibe bubutyebi. Ingaba yi, ndumasi, intombi entle, unobuhle bakhe anokucinga ngabo. Mhlawumbi udume kakhulu esikolweni. Mhlawumbi inkwenkwe ingafumana nayiphi intombi eyifunayo. Iziva ngathi iluhlobo olukhuselekileyo. Olo asilokhuseleko. Kuyakunyamalala kanye nje ngentyatyambo edlelweni. Yabona? Iyakumka. Akuyi kuba kudala. Nje ukujika okumbalwa kwelanga, imkile, emva koko uba unomphefumlo ekufanele uphile nguNaphakade.

⁵² Kwaye lentwana incinci makube yayinobuntu obulungileyo, ngokuba yazibonakalisa kwiNkosi uYesu, isazi yaqubuda ngamadolo. Yathi, "Mfundisi Ulungileyo, ndingenza ntoni na ukuze ndibe noBomi obunguNaphakade?"

⁵³ Wathi, "Yini na ukundibiza Mna ngolungileyo," wathi, "xa usazi kukho kuphela Omnye olungileyo, kwaye lowo nguThixo?" Yabona? Yintoni indodana eyayivakalisayo koku? Yeyokuba Waye enguThixo. Yabona? Wathi, "Uyayazi imithetho. Yigcine."

Yathi, ke yathi, "Yiphi imithetho, Mfundisi?"

⁵⁴ Wathi, "Imithetho yoku 'beka uyihlo nonyoko,' nanjalo njalo."

⁵⁵ Yathi, "Oku ndakwenza, ukusukela ebutsheni bam. Yabona, ndakwenza oku."

⁵⁶ Wathi, "Noko usasilele into enye. Hamba, uthengise ngoko unako, uze wabele amahlwempu, uze uNdlanделе."

⁵⁷ Elinjani ithuba! Lowo yayisenokuba nguPetros, Yakobi, okanye uYohane, omnye wabo. Yabona, intwana yayiqeqeshiwe kwaye ikhuliswe kakuhle, kwaye yaziswa kuKristu, ukuze ayisebenzise kuzo zonke izakhono eyayinazo kuyo, ukuyisebenzisa, mhlawumbi efundile, emtsha, esisityebi, enempebelelo, apho yayinokusa iVangeli, kodwa noko walaLa. Enjani u—enjani ukutenxa into ekwaba yiyo lankwenkwe incinci! Yabona?

⁵⁸ “Ndilandele.” Ngoku, yabona, kwakufuneka ilandele umntu othile. Ngoku, kwakufuneka abe ulandele impembelelo yabantu awayenxulumene nabo, impembelelo yenenekazi eliselitsha, impembelelo yeqela lamakhwenkwe awayenxulumene nawo, amaqabane akhe asesikolweni, okanye alandele uYesu Kristu. Kuko konke ukulunga kwakhe, noko wayesazi wayengenabo uBomi obunguNaphakade.

Bantwana, lonto yinto ekufuneka nicinge ngako. Yabona?

⁵⁹ Ngoku jonga kwinkwenkwe ngobubusuku, oko yayinokuba kuko, noko ekuko, oko ikuko ngobubusuku. Isendaweni ethile. Yayingumntu. Isendaweni ethile. Iindele uMgwebo. Iindele ukujongana noMgwebi ngolwaSuku, ukwala kwa ela thuba linye liziswa kuni bantwana, phantse ngaphantsi kwemeko ekwanye; bantwana abalungileyo, ubuntu obulungileyo, ootata nomama abalungileyo, oko ninako, akudingeki nokuba nisebenze ngaphandle kokuba niyafuna. Yabona?

⁶⁰ Kodwa kukho into ethile engenye ehamba nokuya. Kukho into ethile ehamba nokuya. Ela Lizwi, ngobubusuku, alize life. Isengumceli mngeni kuyo yonke indodana, wonke umfazana, “Ndilandele.” Yabona?

⁶¹ Amazwi awafi. Nanini uthetha nantoni, khumbula nje, nokuba isemotweni yakho emfihlekweni, nokuba kusepulpitini, nokuba kusenzantsi ekoneni yestrato kunye nenkwenkwe okanye intombi esisihlobo sakho, nokuba kuphi, alize life. Li—lifanele liphile naphakade.

⁶² Xa ndabona la ntombi endi...ngobunye ubusuku embonweni, esentsha entle intombi, umdlali waseHollywood, kwaye ndabona esifa, efikelela, ezama ukufumana uncedo. Wafela kuhlaselo lwentliziyo, uNkszn Monroe. Kwaze ngoko kwaba yiminyaka emibini eyagqithayo, kwaye ndabona esifa. Kwaza emva kwentsuku ezimbini waze wafa.

⁶³ Ngoko, ngobunye ubusuku, ndeva ilizwi lalantombi. Kanjani? Abantwana babendixelela, “Tata, uyehla ngalaMlambo Ka Akukho Kubuya, lonke ixesha.” Bathi, “Banomdlalo onjengalowa, ngobubusuku.” Bandixelela ubusuku obuthile iyakubakho, iveki okanye ezimbini ngaphambi kwexesha. Ndacinga, “Kuhle, ndifuna ukukubona okuya, kuba bendisezantsi kulamlambo, amabini okanye

amathathu amatyeli; malunga namatyeli amahlanu, ndiyacinga.” Kuhle, nda—ndandifuna ukuyibona.

⁶⁴ Kwaye uNkszn Marilyn Monroe wadlala okuya. Kulungile, leyo yayiyintombi endayibona kumbono. Kwaye nantsiya, kumfanekiso, nasekudlaleni, kwalowo mdlalo eyawenzayo ku*Mlambo Ka Akukho Kubuya*, xa wathatha lamfanekiso, mhlawumbi ishumi elinesihlanu leminyaka eyagqithayo. Yayingumfanekiso omdala, mhlawumbi amashumi amabini eminyaka eyagqithayo. Kwaye wayefile iminyaka emibini. Kwaye nankuya kwakhona, ephila, sonke isenzo nalo lonke ilizwi. Yabona? Isabanjiwe kwisishicileli mazwi ide ibe iyaphila kwakhona.

⁶⁵ Hayi kuphela oko, kodwa yonke into esiyithethayo iyaphila. Lonke ilizwi esilithethayo alinakufa. Ukuza ngengumbi ngamazwi ngoku, iindidi zabantu. Umabonwakude uyalichola. Ungathetha kanye apha, kwaye bayakuva kwihlabathi lonke, ngalamzuzwana mnye. Nkqu phambi kokuba ubenokuliva kweligumbi, lityhutyahlabathi, ngonxibelelwano lwengcingo.

⁶⁶ Kwaye isibuko esikhulu sikaThixo sichola okuya. Kwaye yonke intshukumo naso sonke isenzo othi usenze, kufanele uhlangane nako eMgwebeni. Yabona? Ke, mfo omncinci, yinto elungileyo ukuma, ucinge ngezi zinto, yabona, kuba uzakuhlangua nayo kwakhona. Yabona?

⁶⁷ Masiphande lendodana, ithuba eyabanalo, uze uzibeke endaweni yayo. Kwaye intombi, nje ngokunye njengoko kunjalo kuBecky no Marilyn, njengoko nje ikwanye njengokuba nimile endaweni yayo, kwaye unako ukuliva ela Zwi elisaphilayo.

⁶⁸ Lisaphila. Lisashukuma. Inzululwazi ithi, “Kumashumi amabini eminyaka ukusuka ngoku, bayakuchola iZwi Lakhe Awalithethayo, kumawaka amabini eminyaka eyagqithayo.” Lisaphila. Njenge lityana lisiwa elwandle, iliza zange liyeke. Liya elunxwemeni, amawaka eemayile, lize libuyele emva.

⁶⁹ Xa ilizwi lithe lathethwa kwakanye emoyeni ngolwa hlobo, alikhe life. Akukho nto onokuyitsho eMgwebeni. Iphaya kanye. Kuyakubakho iZwi likaYesu Kristu licenga landodana, “Ndilandele,” nayo ilala, esibukweni, ilusizi, ngokuba yayinobutyebi obuninzi. Yabona? Singangabe kwa . . . Akudingeki ukuba isoloko iyimali. Ingaba zezinye izinto. Yabona? Nantoni na esikuyibamba ngokuyithanda kunokuba sisenza kolwabizo, yabona, iba njengemali kuthi. Iba yinto esonakalisayo.

⁷⁰ Ngoku masiyilandele kancikana. Kwenzeka ntoni xa yajika yemka? Zange iphulaphule kwelaZwi likaKristu. Yahamba nezihlobo zayo.

⁷¹ Ntoleyo, nina bantwana, nonke ningabantwana abalungileyo, kwaye nibophelelekile ukuba nibe nezihlobo, kodwa qaphela hlobo luni lwesihlobo onaso. Ukuba esa sihlobo

silandela uKristu, hamba nesiya sihlobo. Landela uKristu, nawe. Kodwa ukuba asilandeli, sukuyenza.

⁷² Masijonge kuyo. Siyafumanisa, mhlawumbi yazigcina izihlobo zayo. Yaba ngumlawuli omkhulu. Yaba ngumlawuli emva koko. Kamva, siyamfumana esisityebi kakhulu de kufuneke a—a—akhe ovimba abangabanye ukuze afake izinto zakhe. Kwaye emva koko wathi kuye, emva kokuba emdala, kwaye amaxhala obomi bobutsha nezinto zigqithile, konke akwenzileyo, mhlawumbi, yayikukonwabisa.

⁷³ Xa indoda endala okanye umfazi omdala, njengam, umfazi wam, oomama nootata benu, akukho nanto abanokucinga ngayo. Abanakho, abafuni kuphuma kwaye—babaleke besihla benyuka ezitratweni, niyazi, nje—njengabafo abasebatsha bebeyakwenza, kunye nabafazi abasebatsha. Ukuzikhupha, nokuba ngubani ozakuba ngumfazi wakho okanye umyeni wakho, okanye, yabona, abanako oko ezingqondweni zabo. Bona, banabantwana, abanomdla kubo. Izakuba nini nonke, ngomso, ukuba kukho ingomso. Yabona?

⁷⁴ Kwaye bona umfo, ngoko, kunye mhlawumbi . . . Mhlawumbi zange atshate nokutshata. Kwaye, nakanjalo, wayengumlawuli omkhulu. Kwaye wahlala phezu . . .

⁷⁵ Kwaye njengoko kunjalo eYerusalem, unangoku, namhlanje, batyela kumphezulu wendlu, ngeli xesha lemini, xa kuphola, ngaphandle ngokuhlwa.

Kwaye siyafumanisa omnye umdlali eboniswa kunye nayo: umngqibi.

⁷⁶ Kwaye indoda, ekubeni ikhulisiwe u—ukubeka ummelwane, nokwenza kwabanye njengoko ingathanda kwenziwe kuyo. Yabona, ngokwala olwabizo lukaKristu, ekugqibeleni . . . Ikhangeleka, inkwenkwe ekhuliswe kwikhaya elinjeya, okuya kwakungasokuze kusuke kuyo, kwaye kwenzeka. Yenzeka.

⁷⁷ Kwaye nako kulele indoda esangweni, egama linguLazaro, imcela ukutya, kwaye elizeni. Ibisenukutya ingququ ezitshayelwa yiyo, ingazitshayeledi nakumngqibi, kodwa izitshayeleda ezinjani. Kwaye yayizele zizilonda. Kodwa indoda yayihloniphekile ekuhlaleni, ngoko, yayingasenamvakalelo. Yaba ndindisholo, ngokuba yayilwalile olwa memo lukaKristu.

⁷⁸ Kwaye mhlawumbi ngolunye urhatya, ngeli xesha, isenza uvuyo lwayo ngeewayini ezimnandi, nabafazi abathandekayo, begaxele, beyingqongile, kwanezinto ezinjeya, kunye nako konke intliziyo eyayinokunqwenela, kwaye izivuyisa. Umngqibi elele esangweni.

⁷⁹ Kwaye phambi kokuba ukukhanya kwemini kuqale, kwintsasa elandelayo, yayisesihogweni, ikhwaza laa Lazaro ukuba eze afake amanzi elwimini layo. Ukuguqulwa kwemboniso.

⁸⁰ Kwaye uyaqaphela, xa yathi, “Bawo Abraham,” ngoku, yayisakhumbula ukuba u-Abraham wayenguyise wamaYuda. Yathi, “Bawo Abraham, thumela la mngqibi uLazaro ezantsi apha kunye namanzi amancinci eminweni yakhe, awabeke emilebeni yam. La madangatye ayandithuthumbela.”

⁸¹ Kwaye yathi. . . kwaye u-Abraham wathi, “I, andinakuyenza lonto,” kumagama amaninzi. “Kwaye ngaphandleni kwako konke oku, uyabona, ubunalo ithuba lakho ebomini.”

⁸² Xesha liphi eyayinalo? Xa uYesu wathi, “Ndilandele.” Kodwa yayala. Yahamba ngendlela enokwenza ngayo imali. Kwaye kulungile konke oko, akukho nto ingalunganga ekwenzeni imali, kodwa landela uYesu ngelixa uyenza. Yabona? Kwaye yahamba genye indlela, kunye nesihlwele.

⁸³ Kwaye uyafumanisa, yathi, kwaye u-Abraham wathi, “Kwaye ngaphandleni kwako konke oku, kukho umda obekiweyo phakathi kwakho naye, ekungekho ndoda eyakhe yawuwela, kwaye ingayi kubakho. Bona aba baphaya abanakuya apha, kwaye naba abalapha abanakuya phaya. Ubekiwe. Akukho ndoda eyakha yawuwela okanye iyakuwuwela.”

⁸⁴ Ngoko phulaphula kuyo. Ifuna ukuba ngumvangeli ngoko. Ubizo uYesu awayinika lona, u—ukulandela Yena, lulo, kwaye ibe ngumfumani wemiphefumlo, njengendodana, kwabuyela kuyo kwakhona. Yayikhumbula lonto, ukuba inabantakwabo abahlanu, kwaye emva emhlabeni, kwaye yayingabafuni bona kula ndawo.

⁸⁵ Yathi, “Thumela uLazaro, ngoko, emva ayokuxelela abantakwethu ukuba bengezi ngale ndlela.” Ngamanye amazwi, “Yamkela ubizo luka, ‘Ndilandele.’” Yabona?

Kodwa wathi, “Bona, abayi kuyenza.”

⁸⁶ Yathi, “Ewe, ukuba ubani uvuka kwabafuleyo, njengoLazaro, aze abuyele emva abaxelele.”

⁸⁷ Niyabona, ibonisa oko, emva kokuba sifile, usesezingqondweni. Yakhumbula. U-Abraham wathi, “Nyana, khumbula, kwiintsuku zakho.” Yabona? Usakhumbula. Akuphulukani nenkumbulo yakho. Uyakhumbula.

⁸⁸ Kwaye iinkumbulo indoda enokuba nazo, ibe isesendaweni enye, ikhumbula ithuba eyabanalo lokuva uYesu esithi, “Ndilandele.” Kodwa yalandela umntu ongalunganga, isihlwele esingalunganga. Yangena kwisihlwele esingalunganga, yaza yaya kwindawo engalunganga, yaphelela kwiNaphakade elingalunganga; ukutshatyalaliswa ngalaMhla, amke kuThixo naphakade.

⁸⁹ UYesu futhi wathetha igama elibalulekileyo, “Nokuba ubani uvuke kwabafuleyo abuyele emva, noko abayi kucengeka. Kuba, banomthetho kaMoses, kwaye ukuba abasayi kuva okuya,

ngoko abayi kuva nokuba othile uyakuvuswa ekufeni. Abayi kucengeka.”

⁹⁰ Kutheni? Kutheni? Ingaba umthetho uthetha into enjengaleya? Ewe. “Yenza kwabanye njengoko ubungathanda benze kuwe.” Kwaye yayiphile phantsi komthetho. Kodwa yayeka umngqibi afele esangweni. Yabona? Yayi—yayiphile phantsi kwemthetho kaThixo, kwaye noko yasilela ukubona obuya bukhulu uBomi baNaphakade.

⁹¹ Bantwana, nina, ngamnye, nikhangeleka njengabam. Nina, ngamnye, nikhangeleka njengoonyana neentombi zam. Ngendlela enye, ningabo, yabona, ngokwasemoyeni ukuthetha. Injalo lonto. INkosi uThixo i—ibeke imphefumlo yenu elugcinweni lwam, ngokuba niyeza, naphulaphule kum. Niyandikholelwa. Yabona? Kwaye ngokunye ukuvakala kwegama, ningoonyana neentombi zam. Injalo lonto.

⁹² Soloko nikhumbula, ukugcina imithetho kaThixo yinto enkulu. Ukukhuliselwa ekhayeni elilungileyo ligugu elisuka kuThixo. Kwaye ukuba ngabantwana abalungileyo kunye nezimilo njengoko ninazo, kulungile. Kuhle, ukuba nemfundo. Kuhle nokuphila kweli lizwe likhululekileyo. Sinezinto ezininzi esifanale ukuba nombulelo ngazo.

⁹³ Kodwa kukho into enye ongayifumani nje ngelifa. Kufanele uYamkele. Leyo buBomi obunguNaphakade. Kwaye uyakwenza oko kuphela ngokulandela uYesu, ngamava ozalo ngokutsha. Musa ukungayihoyi lonto.

⁹⁴ Ibali elincinci ngelinye ixesha endakhe ndaliva, lendoda eyayikho, owu, yayilhlwempu. Kwaye ya—yayisoloko ifuna uku... Libalana nje eliyintsomi, uhlobo. Lasoloko lindihleli, noko. Kwaye ngenye imini yachola intyatyambo. Kwaye intyatyambo yayingumlingo, yaza intyatyambo yaphendula kuyo, yathi, “Ubuhlhlwempu ubomi bakho bonke.” Yathi, “Ngoku cela okufunayo, kwaye uyakuyinikwa.”

⁹⁵ Yathi, “Laa ntaba ngaphaya ingavuleka, kwaye ndibe nako ukuya ndifumane igolide entabeni.”

⁹⁶ “Kuhle,” yathi, “kuyakufuneka undithathe uhambe nam naphina apho uya khona. Yabona? Kuyakufuneka undithathe uhambe nam. Ke, naphina apho ndikhoyo, emva koko ungacela okufunayo.”

⁹⁷ Yahamba ukuya entabeni, yaza intaba yavuleka, yaza yangena. Ishelufa zazizele igolide nedayimani, njengoko ibali elincinci eliyintsomi liqhubeka. Yabeka intyatyambo phantsi e—etafileni, okanye, ilitye. Yaza yabaleka yathabatha ilitye elikhulu elinqabileyo, yaza yathi, “Kufanele ndihambe ndiyokubonisa oku kwizihlobo zam. Kwaye ngoku ndiyindoda etyebileyo. Ndinento yonke. Kufanele ndibonise oku.”

98 Kwaye ke intyatyambo yathetha, “Kodwa,” yathi, “ulibele eyona nto.”

99 Yaza ke yajika yabaleka yaya kuyichola, yathi, “Kulungile, mhlawumbi ndiya—ndiyakufumana intwana yegolide. Ndiyakufumana intwana yesilivere.” Kwaye ke yathi, “Ndiya—ndiyakukhawuleza, ukuya kuxelela abantu ndityebe kangakanani, nako konke endikufumeneyo.”

100 Yaza yafika emnyango, yaza yathi intyatyambo, “Kodwa ulibele eyona nto.”

101 Ke yabaleka yajika kwakhona. Yathi, “Phakathi apha sifumana zonke iintlobo zezinto.” Ke, yachola ilitye. Yathi, “Ndiyakuhamba, ndithathe eli litye ndize ndibonise abantu hlobo luni lwelitye lentaba eyenziwe ngalo, ukuze ndifumane indlela yam yokubuyela kuyo.” Yabona?

102 Kwaye yaqalisa yaphuma ngomnyango, yaza yathi intyatyambo, okwe. . .ityeli layo lokugqibela, “Ulibele eyona nto.”

“Owu,” yathi, “owu, thula.”

103 Yabona, yayingafuni kuyiva kwakhona, “Ulibele eyona nto,” yaza yabaleka yaphuma ngomnyango. Kwaye xa yakwenzayo oko, umnyango wavaleka emva kwayo, kunye nentyatyambo ngaphakathi. Eyona nto yayiyintyatyambo. Yabona? Eyona nto yayiyintyatyambo.

104 Kwiminyaka eyagqithayo, njengentwana, njengoko nonke ninjalo, apha, unogada weenkomo phezulu apha, phezu kwePhoenix. Ndandifunda isiqwengana, yengqawa-zimbiwa, iphepha malunga nengqawa-zimbiwa. Ngoko, kwakungekho zindlela ukuza apha ngoko, nje iindlela ezincinci zentlabathi. Basenza ungqawo-zimbiwa oluninzi khona apha, niyazi.

105 Kodwa lengqawa-zimbiwa yangena, kwaye yafumana imali eninzi, yafumana igolide eninzi. Yaza endleleni yayo engenayo, yahlala kwindlwana eyayifumanayo. Kwaye yayinenja kunye nayo, kwaye, i—inja, ibotshelelwe ngaphandle. Kwaye ngoba busuku, kwakukho isaphuli mthetho simlandela, ukuze sifumane legolide. Yayiyithathe kwiimigodi emidala yaseSpanish, kwaye yayingena nayo. Yazainja yaqalisa ukukhonkotha.

106 Kwaye indoda yayingafuni kukhathazwa ngala nja. Yathi, “Thula.” Yathi, “Ngomso, ndizakuthatha ndingenise oku, e—esixekweni.” Kwaye ndiya. . .Imfundiso yelibali yayikoku. “Kwaye ndizakuyisa esikalini, kwaye ndiyakuba yindoda esisityebi. Kwaye ndiyakuthenga iimoto ezinkulu. Ndiyakuba nazo zonke iintlobo zabafazi nemigidi emikhulu. Ndiyakuba yindoda esisityebi, ngokuba sendifumene ibango. Ndinegolide apha, eninzi yayo.” Yaza yathi, “Ndiya. . .”

107 Kwaye xa yayizama ukuya kulala, inja yaqhubeka ikhonkotha, ngokuba inja yasibona isaphuli-mthetho sisiza, sichwechwa, silinde ingqawa-zimbiwa iye kulala.

108 Yavuka kwakhona, yakhwaza inja kwakhona, yathi, “Thula.” Yaza inja yatswina yaza yazama ukulumkisa umphathi wayo ukuba ingozi yayirhoxobisile—rhoxobisile. Kwaye xa ya . . .

109 Kwixesha elilandelayo, xa inja yaqalisa ukukhonkotha, ingqawa-zimbiwa yayinompu. Yayingafuni kukhathazwa, ke yavuka nje yaza yayidubula inja. Kwaye ingqawa-zimbiwa yabulawa ngobuya busuku, sisaphuli-mthetho. Onke amaphupha akhe ayokoyoko akamenzela nto. Kutheni? Yathulisa ilizwi elalimlunkisa.

110 Akukho mntu onokuzama ukwenza nayiphi into, nina bantwana, beningenakubanako ukwenza nayiphi into engalunganga, emveni kokuba nikhuliswe ngendlela eniyiyo, ngaphandleni beniyakuva into enixelela ukuba ningayenzi. Ngoku, ningaze nilithulise ela zwi elinilumkisayo.

111 Kwaye soloko nikhumbula, lamkele ela Zwi lithi, “Ndilandele,” kwaye uyakusoloko uphumela kakuhle. Ndiyakholwa niyakubanjalo. Ndinengqiniseko kuni. Kodwa nje soloko nikhumbula ukuba uYesu, ela Zwi, liyaphila emhlabeni ngobubusuku.

112 Nje ngendlela ekwanye, njengalo lonke izwi nalo lonke igama esilithethayo lisaphila, xa ela zwi lisimka kwela liza lomoya. I . . . Yabona, unesiqhagamsheli esigqithisayo apha esilithumelayo. Usisiqagamsheli esigqithisayo esilithumelayo. Ngoku ithabatha isitishi ukulichola.

113 Kwaye uYesu wayesiSiqhagamsheli esigqithisayo seLizwi likaThixo, ngokuba Waye—wayekukumanyana kobuthathu bukaThixo bubonakalisiwe eNdodeni enye. WayenguThixo opheleleyo neNdoda epheleleyo.

114 Kwaye ubuquzithathu bukaThixo, ubuquzithathu bezibonakaliso zikaThixo, ekubeni nguYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele, babumelwe kulaNdoda inye, uYesu Kristu. Ngoko, phaya, Waye eliLizwi.

115 Kwaye WayesiSiqhagamsheli esigqithisayo esathi, “Lowo uthi aweve aMazwi aM, akholwe kuLowo uNdithumileyo, unoBomi obunguNaphakade.” Yabona? “Inene Ndithi kuni, lowo uthi aweve aMazwi aM, akholwe kuLowo uNdithumeleyo, unoBomi obunguNaphakade.” Ngoku, elaLizwi liphumile kwiSiqhagamsheli esigqithisayo. Wathi, ngenye imini, “Inene Ndithi kuni, ukuba uthi kule ntaba, ‘Funquka,’ uze ungathandabuzi entliziyweni yakho, kodwa ukholwe ukuba oko ukutshiloyo kuyakwenzeka, ungakuzuza oko ukutshiloyo.”

¹¹⁶ Ngoku, ukuba ungaba sisitishi sokuchola Okuya, ngolwawulo ngaphakathi kwakho, ngokholo, iyakusa kanye ngqo kwisangqa sikaThixo, kuZalo olutsha, uze uzalwe ngokutsha. Emva koko uyakusoloko ukuqhagamshelwano, ukuva ela Zwi eliyakusoloko likumlukisa xa ingozi ikho. Xa izinto zingalunganga, zihamba ngendlela engalunganga, Liyakusoloko lisisilumkiso kuwe. Kuze emva koko, endaweni yokuba omye umntu abe nje ngala nkwenkwe isentsha isisityebi esithetha ngayo; yiba nje ngompostile uPetros, uPawulos, okanye umntu othile owazuzela uYesu Kristu imiphefumlo. Yenzani lonto, bantwana.

Singathandaza?

¹¹⁷ Nkosi Yesu! Ulutsha, amadoda nabafazi bangomso, ukuba likhona ingomso. Kufuneka sibaqeqeshe, Nkosi. Siyawuva la mthwalo, wokubaqeqesha njengokungathi liyakubakho ingomso. Ukuba alikho, ngoko namhlanje ngumhla.

¹¹⁸ Kwaye emva koko, Bawo, siyazi ukuba akukho onamnye wamkelekileyo phambi Kwakho. Akukho nyama inokuzizukisa. Akukho mfundo, nakubeni zilungile ezi zinto zinokuba njalo, akukho misebenzi ilungileyo, akukho ziko lankolo, akukho psychology, akukho nanto enokungqinisisa uThixo kuphela nguMoya oyiNgewele. UsiSixhobo, uThixo ngoKwakhe, kwimo yoBomi obunguNaphakade, onokuza kuthi njengesiqu. Kwaye sinombulelo ngoku.

¹¹⁹ Ngenene kuchaziwe xa uPetros wenza uvumo. UYesu wathi kuye, “Inyama negazi azikutyhilanga oku kuwe. Akuzange wakufunda kwisikolo sakwalizwi. Akuzange ukufunde kwisikolo esithile.” Yinto engqamene nesiqu, into umntu ngamnye ekufanele ayamkele. Wathi, “Phezu kweli lwalwa Ndiyakulakha ibandla laM, kwaye amasango esihogo awayikubanakho ukuloyisa.” Sinombulelo ngoko, Nkosi.


¹²⁰ Ela liZwi lisaphila ngobubusuku. Kwaye kusekho izikhululo, izikhululo ngaphandle, izikhululo zokuphulaphula, izitishi zokwamkela, zokholo, ezinokuLamkela. Siyathandaza ukuba ngamnye waba bantwana bayakukwamkela oKuya, Nkosi, ezintliziyweni zabo. Kwaye khumbula oko, hayi oko bakwenzayo ukuze babengabalungileyo, kodwa bona . . . UThixo akasigwebi ngoko sikwenzayo, kodwa ngoko sikwamkeleyo. Sisindiswa ngokholo lwethu, hayi emisebenzini yethu. Ke siyathandaza, Bawo waseZulwini, okokuba bayakuwubamba umbono ngoku, kwaye babone baze beve oluya lukhulu umemo lwaNaphakade, luka “Yiza, Ndilandele.”

¹²¹ Banga ngabanye kubo, Nkosi, bangatyeka kuzo zonke izinto zehlabathi, oku kufayo, ubomi obucekethekileyo. Njengoko belapha ngobubusuku, kunye nenwele zabo ezigwangqa bugolide, kwaye abanye babo kunye nenwele zabo ezimnyama,

namehlo antsundu, namehlo aluhlaza, kwaye behleli kokona kwabo kungcono kokuya banokuba kuko.

¹²² Kwaye njengoko umbhali omkhulu wathi, “Khumbula uMdali wakho ngeentsuku zobutsha bakho, ngelishesha iintsuku ezimbi zingekasondeli. Ngoko akusayi kuba nabumnandi kuzo.” Indlela, Nkosi Yesu, Watsho ngayo kuPetros, “Ngelixa ubusemtsha, ubusukuma uye apho ufuna ukuya khona. Kodwa xa usiba mdala, umntu othile ukuthwalela apho ubungenakuya khona.” Mabakhumbule, “Ngoku ngumhla. Eli lixesha.” Siphe oko, Bawo.

¹²³ Ndibanga ngamnye wabo bonke, ongowam umntwana, apha ngobubusuku, kuye wonke umntwana khona apha. Ndiva ukuba Ubeke ezandleni zam, ukuba ndibaluse. Ndiyababanga bonke, kuSathana nasekufeni, ukubasa kuBomi kuYesu Kristu. Amen.

¹²⁴ Nisikelelwe, bantwana. Kuhle kakhulu ukutsho amazwi ambalwa kuni. Kwaye ndiyakubuyela, Billy. Abantwana abalungileyo, ndiyanithakazelela. Mzalwana uFred, iNkosi inisikelele. INkosi inisikelele, dade. 

YIZA, UNDLANDELE XHO63-0601
(Come, Follow Me)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngokuhlwa ngoMgqibelo, ngoJuni wo-1, 1963, eHouse Meeting, eTucson, Arizona U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2019 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangeli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org